

# OLONA LUVO LUKHULU



Ndisadla, nam, kuloo ntsikelelo kusakanje.

Owu, ngokugqithisileyo, ngokukhulu, azaziwa, izinto uThixo anokusenzela zona xa sithe sahlanganisana! Niqaphele ukuba ukususela ukuba sithe senza oku kuzinikezela kuThixo, indlela izinto ezithe zaqhubeka ngayo apha? Intsikelelo emva kwentsikelelo, amandla emva kwamandla, uzuko emva kozuko! Bekumangalisa nje. Kwaye Uyakuqhubela phambili esenza njalo. Ezi tshefu, ndizithandazele eziya, ezi—ezizezomntu othile apha.

<sup>2</sup> Ngoku ndifuna ukukhe ndenze amazwana ngaloo nto, umzuzu nje okanye ibe mibini, okokuqala ndinibulela nonke ngesipho senu esihle seKrisimesi, sesuti yempahla enithe nandifunela yona. Ibiyiloo nto ebikwesakho, Mzalwan'uNeville? [UMzalwan'uNeville uthi, "Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Ewe, mhlekazi. Ewe, impahla eyisuti. Ngoba, abashumayeli bangayisebenzisa njalo impahla eyisuti. ["Indilingana ngokupheleleyo."] Kuyamangalisa, yinto elungileyo leyo. Ngoku, bayabila, kube ke okwa kubila kuzibolisa ngokukhawuleza kakhulu impahla ngaphezu kwayo nantoni na endiyaziyo, uyabona, yimpahla eninzi ke enokugcina umshumayeli. Impahla eyiyo futhi . . . Eyona mpahla iphantsi ngexabiso yomqhaphu iyakusuka ibole nje iphele, ngexeshana nje elingephi. Ngoko i—isuti enjengaleya iyakuba nokunyamezela okukuyo.

<sup>3</sup> Nicinge nje ke, nixhasa niphisa ngezi mpahla kwizicaka zeNkosi. INkosi ke inisikelele. UYesu wathi, "Oko nithe nakwenza kwaba bangabona bancinane babazalwana bam, nikwenze kuM." Ngoko ke ngoko anizisanga, anithengelanga balungiseleli babini isuti; nithengele uYesu iisuti ezimbini. Aha-aha. Yinto Awayithethayo leyo, "Nikwenze kuM."

<sup>4</sup> Kodwa okwa kuchukunyiswa kuncinane kwaseZulwini, kusakanje, nikuqaphele? Ngaphandle kokubizela ngaphambili, kungekho nantoni na; kodwa kanye nje emva koMyalezo no—nokuhlaziya kukaMoya Oyingwele obekugaleleka phezu kwabantu, ubuqaqawuli bukaThixo bushukuma, basuka baqala ukunyuka, nokuhla, ndawo yonke jikelele. Ndiye ndaqaphela abahlobo bam abalunge kunene bamaBhaptizi, abasuka kwiCawe yamaBhaptizi yakwiSitalato i-Walnut, e-Louisville, beme emgceni, bequbha nje kumandla kaThixo. Owu, Nkosi! Ndaze ndahlangana nabo emva kwenkonzo, bathi, "Ngamandla kaThixo lawa."

Ndathi, "Injalo loo nto. Ninyanisile, ninyanise mpela."

<sup>5</sup> Amandla kaThixo! Awunakuwafumana nje amazwi okuyithetha. Usuke ungayazi onokuyithetha. UMoya Oyingcwele usuka ayithabathe nje inkonzo ungayazi ke into Azakuyenza ngaYo. Ngokuzolileyo, okumnandi, okuthobekileyo, ngokwaphuka. Owu, Mzalwan'uPat, liZulu nje kwaphela elo, kum. Ndingomnye wabodidi lakudala abathanda ukumva oku kuYe, uyabona.

<sup>6</sup> NjengoPaul Rader ongasekhoyo, wathi kwelakhe... Ngaxesha lithile wayebalisa ibali. Wathi inkosikazi yakhe naye yayihleli etafileni, yayifuna ukuya ndaweni ithile ke okanye yenze into ethile, waloko esithi kuyo, "Andinakuyenza konke loo nto," njalonzalo, wayevela nje ayinqamlele.

<sup>7</sup> Ngoko wathi akukhangela kuyo, zabe inyembezi zisihlisa izidlele zayo, waze wathi ke kuyo, wathi, "Ke, ngoku," wacinga entliziyweni yakhe, "ukuba ukhathazeka lula kangaka, makasehlelala ekhathazekile ke." Ngoko ke, njengendoda, wabe elisonga iphepha elibeka phantsi phezu kwesitya sakhe senkongozelo.

<sup>8</sup> Yayisoloko ke isima emnyango impuze isithi hamba kakuhle; wayesithi ke xa ephuma ngesango, yayiye impakamisele isandla, ukuze ke oko—oko ke kwakuyiphelelisa, uyazi, ade abuye e-ofisini yakhe.

<sup>9</sup> Ngaloo ntsasa ke, wathi, bathi ukuphuma kwabo, ngoba, e...emnyango, ngoba, yayimi ngasemnyango, waze wayiphuza esithi sala kakuhle wahamba ke waphuma ekupheleni kwesango, walivula isango wajonga ngasemva, yayimi phaya emnyango ithokombise intloko, isakhathazekile, uthi wayiphakamisela isandla sokuthi sala kakuhle, yamphakamisela isandla sokuthi hamba kakuhle.

<sup>10</sup> Wathi wehla ngendlela, waze waqala ukucinga, "Kube yintoni ukuba ndinokuhlelwa yinto phambi kokuba ndibuyele ekhaya, okanye, kuthini ukuba kwenzeke into ethile kuye phambi kokuba ndibuye, uThixo asibize simke kweli; kwaye ngoku ebengumfazi olunge olu hlobo, nendlela alunge ngayo, nezinto ezinjalo?" Wathi ke, okukhona waye ehamba, kokukhona yaye iqalisa ukudumba intliziyo yakhe.

<sup>11</sup> Ngoko ke wasuka wajika wabaleka waphindela emva, wavula isango, wabaleka wangena endlwini, wavula ucango. Wathi akuvula ucango, weva kukho into elilayo. Waphunguza, yayimi emva kocango. Wathi akazange athi "ndixolele," akazange athi "Ndicela uxolo," akazange athethe nto konke. Uthi wasuka nje wayiwola wayiphuza kwakhona, wajika wahamba waphuma kwakhona. Wathi waphuma phaya esangweni, uthi yayimi emnyango kwakhona. Wathi, "Kamnandi." Yaze yathi, "Kamnandi," yatsho, kanye njengokuba ibitshilo kwixesha lokuqala, kodwa ityeli lokugqibela lalinokuvakala kulo.

<sup>12</sup> Ngoko ke yindlela ekuyiyo ke leyo. Xa inokuvakala kuyo, uyabona, sukube iyinto evela kuThixo ngenene.

<sup>13</sup> Ngoko phaya elunyulweni kwimizuzu embalwa edlulileyo, xa bekunyulwa umphathiswa omtsha, uMzalwan'uSothmann. Ndiqinisekile ukuba ama-trustee, naye wonke umntu, bayaqonda ngoku, ukuba, ekupheleni konyaka-mali, ngowokuqala kuJanywari, zonke izikhundla zenkonzo, ezinjengobulungiseleli nobudikoni, nezinto ezinjalo, ziyaphelelwa. Ukuze ke ukuba basafuna ukuqhuba babheke phambili. . . Hayi abalungiseleli; bendingathethi bona. Bendithetha abaphathiswa ama-trustee, namadikoni, notitshala besikolo seCawe, nezinto ezinjalo. Ke, umlungiseleli unyulwa libandla, ahlale ke ade, ade. Ukuze ke—ukuze ke. . . Ukuba abantu, eli bhunga likhoyo lama-trustee, okanye amadikoni, okanye ootitshala besikolo seCawe, okanye nokunye, ukuba ke bafuna ukuqhubela phambili, baqhubela phambili ke. Ukuba ke abenzi njalo, bafanele—bafanele ukuzibeka phantsi intambo ukuba abafuni kuqhubekela phambili; kube kungekho nto ibachasileyo. Baze ke baqhubele phambili kunyaka ozayo. Ukuze—ukuze ukuba abaqhubeli phambili, ukuze babenonyulo, bamisele abanye abaphathiswa, okanye—okanye nokuba ibisesiphi na eso sikhundla.

<sup>14</sup> Ngoko ke, asimbopheleli umntu, ubomi bakhe bonke, ukuba asebenze kweloo bhunga. Kodwa okoko nje ecinga ukuba uThixo usenaye emnceda, efuna ukwenza eyakhe indima, okanye eyomntu wasetyhini indima, nokuba iyintoni na, ukuqhubela phambili umsebenzi kaThixo, sisoloko sikuthakazelela ukuba bakhonze kunye nathi. 'Yabona? Kodwa ngaloo ndlela innika umntu ithuba lokukhonza kangangonyaka abone ukuba uwuthanda kangakanani na. Abanye babaphathiswa bethu bahlala beqhuba iminyaka ngeminyaka, namadikoni ngokunjalo, kwaye yinto elunge ngokupheleleyo ke leyo. Kodwa ke ngoko akukho xesha limisiweyo. Ukuba i-trustee, okanye umlungiseleli, okanye umntu okwibhunga, akaziva enokuqhuba nomsebenzi lowo kwakhona, okanye uyafuduka, kufuneka nje bayazise inkonzo, ukuze ifumane omnye umntu endaweni yakhe.

<sup>15</sup> Kwenzeke loo nto ke apha ngokuhlwanje, ngaloMzalwana uMorgan, uMzalwan'uWilliam Morgan ebeka phantsi intambo ebuphathisweni. Kwafuneka elinye i-trustee. Waze uMzalwana uSothmann wamiselwa njengomphathiswa, ngelinye ixesha, waze wamkelwa ngokuhlwanje kwibhunga.

<sup>16</sup> Yinto esesikweni, okoko nje ibandla. Ebandleni lethu, ligunya elipheleleyo lebandla. Ibandla liyamsusa, okanye limfake umphathiswa, ibandla liyamkhupha umlungiseleli, okanye limbeke umlungiseleli, nokuba ngowuphi na, libandla kwinto yonke. Bubupostile ke obo. Yindlela ekwakusenziwa ngayo ngexesha leBhayibhile. Ngoko ke, sibona ukuba ayingomntu mnye, ngoko, ngumbhukuqi okanye into enjalo

ebandleni. Asiyifuni loo nto. Wonke ubani, wonke umntu, nam ngokwam, ekuvoteleni ndifake othile, ndinevoti enye, njengaye nawuphi na omnye umntu webandla olapha, yivoti inye kuphela. Ayiyonto ndiyithethayo; yinto ethethwa libandla, 'yabona, into ethethwa libandla emzimbeni. Niyayithanda loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, ndicinga ukuba ingokweZibhalo kanye loo nto. Yindlela efanele ukuba ibe yiyo.

<sup>17</sup> Ngoku, izakuba yiveki ebalulekileyo le kum, le izayo, ngomso, iNkosi ithandile. Kufuneka ndenze izigqibo zalonyaka uzayo, ngazo zonke izimemo. Ndifuna ukuphuma ndiye e—e ofisini ndithathe zonke izimemo ndize nazo ekhaya. Ukuze ngoko ke, kwezi ntsuku zimbawo zizayo, ndiye emthandazweni, kuThixo, ndithandazele ukuba Andikhokele andibonise ukuba ndiye ngaphi na nokuba ndenze ntoni na. Asiphili kwixesha elinjengokuba kwakunjalo ngokuya Wayelapha, apho uThixo wayeMkhokelela kwindawo nendawo, apho Wayeba sedolophini okweeyure ezimbawo abe umkile ukuya kwesinye isixeko. Kodwa namhlanje kokwenkqubo eyahlukileyo, kukulungiselela, amaqela abalungiseleli nento eninzi kufanele zenziwe.

<sup>18</sup> Indlela ke endiyenza ngayo, ndiza nazo zonke izimemo zam zase-Afrika ndizibeke phantsi, zonke izimemo zase-Indiya, nazo zonke izimemo zase-California, e-Utah, nazo zonke izimemo ezahlukeneyo, ndizibeke ngokwahlukeneyo ndizifumbe. Ndiziyeke zihlale. Ndize ke ndihambe ndiye ekuthandazeni, okanye ndingene enqwelweni yam ndimke usuku okanye ezimbini. Ndibuye, ndithandaza. Kubekho into efikayo entliziyweni yam ethi mandiye endaweni ethile, ndize ndibone ukuba ayingebi yimihlali nje na. Ukuze, emva koko, ndize ndi... ukuba indihleli kakhulu, ndiye kule mfumba apho ikhoyo le ndawo, ndizithathele incwadi enye ndiyifunde, eyesimemo, ndibone ukuba kuphi na. Ukuze, ukusuka apho.

<sup>19</sup> Nasi isizathu esibangela ukuba ndenze loo nto. Ucinga ngokuhamba ukhwele kwinqwelomoya iiyure ezingamashumi asixhenxe anesibini, kwiinkqwithelo, nokunyuka usihla, ujikeleza, ukuba wakhe wakhwela usiya phesheya kolwandle. Ungazi ngamanye amaxesha u—uphezulu, okanye ngamanye amaxesha kuphantsi, ujikajika, ugungqa, ugibiseleka ukuphumela emafini naphezu kwaloo manzi, intsuku ezintathu nobusuku. Ukuze ke uphumele kumhlaba othile, into yokuqala nje ekuhlangabezayo nguSathana, "Kulungile, iqela labalungiseleli lithethe *oku*, abanye babo bebahlulelene ngevoti, abanye ke beyimela." 'Yabona?

<sup>20</sup> Ngoko ke usenokuthi, "Ngoko, mhlawumbi iNkosi ibingafuni ukuba ndize apha."

<sup>21</sup> Kodwa xa uthunywe nguThixo, ulungele ukuluhlangabeza utshaba. Uthi, "Ndima apha, eGameni likaYesu Kristu. Ndize eGameni leNkosi uYesu, ndaye ndiyakuhlala apha ude

umsebenzi Wakhe wenzeke.” ’Yabona, ngoko ke uyilungele imikhosi.

<sup>22</sup> Ngoko, niyandithanda, ndiyazi ukuba niyandithanda. Ngoko ke ndithandazeleni kuleveki, ukuze ndibenokwenza izigqibo ezizizo, ngokuphefumlela kukaThixo okuya kundikhokela.

<sup>23</sup> Ngoku ndizakukhe ndibe nokumbalwa okuncinane, kwento endiyibiza ngokuba, ziinkonzo zokutsiba. Ndiyehla ndiya eFlorida, ngomhla wesibhozo, owethoba noweshumi wale nyanga; mhlawumbi, eTifton, eGeorgia. E’Tifton, eGeorgia, ngowesibhozo, owethoba noweshumi kaJanywari, bendithetha ukutsho, endaweni yale nyanga. Ukuze kufuneke ndiye eGlasgow, eKentucky; okanye naseSomerset eKentucky; kunye neyobusuku obunye, mhlawumbi eCampbellsville, eKentucky. No—noMzalwana uRogers ebefuna ukuba ndiye ubusuku obunye, phaya kwakhe, esasithe . . . samphosa ngeliya ixesha.

<sup>24</sup> Ngoku, nimthandazele uMzalwana uRogers. Besibambe ubudlelane namhlanje, ndaza ndambamba ndafumanisa ukuba ukwimeko embi, ngokwasenyameni. Ngoko mthandazeleni uMzalwana uRogers lo ulapha. Uthabathele okuninzi kakhulu ezandleni zakhe phaya, yaza yamenza loo nto wahlupheka wakhathazeka, kwaye a—kwaye akanampilo ngokupheleleyo khona ngoku, nenkosikazi yakhe ikwimeko embi kakhulu. Ngoko sithandazeleni esaa sibini sincinane, abantwana abalungileyo bakaThixo. Ndaze ndamxelela ukuba, iNkosi ithandile, ndakumnika ubusuku obunye.

<sup>25</sup> NoMzalwana uRuddell, omncinane wethu . . . elinye lamabandla amancinane angodade wethu, apha phezulu kwa-62, umfanana omdala oneentloni, wahamba apha engakwazi nokukhangela phezulu oku. Wayedla ngokunyuka aye endlwini. Kwaye, owu, ndiyaqikelela ukuba abantu babecinga ukuba ungumntu onentloni maxesha onke, kodwa kwakukho into ethile ngalaa mfana eyayibonakala iyinene. Ndasoloko ndihleli naye ke, ndahlala naye njalo, ndithi, “Mzalwan’uRuddell, unako.”

<sup>26</sup> Wathi, “Mzalwan’uBranham, ndiyaphakama phambi kwesihlwele, i—intliziyo yam inyuke izokuma emqaleni, ndize ndi—ndi—ndisuke ndingakwazi kuthetha nelizwi eli.”

<sup>27</sup> Ndathi, “Yima nje phaya uyiginye uyiphindisele, uthethe, eGameni leNkosi, ’yabona.” Ngoko ke uneTabanekile engangale kanye, phaya kumgaqo ophezulu, kukho into ayenzayo. Uhleli nayo. Laa mfana wayenobizo lukaThixo. Ndandimazi uyise nonina, bangabantu abalunge kakhulu.

<sup>28</sup> Ukuze kufuneke ukuba simnike uJunie, ubusuku obunye, ezantsi eNew Albany. Yaye, owu, uyazi, iinkonzwana ezincinci, ukuze ndibe nokubamba ubusuku apha nobusuku phaya.

<sup>29</sup> Kude, ukuba into yonke ihambe ngokwesicwangciso, malunga nowamashumi amabini anesihlanu kaJanywari,

ndiyakube ndisimka ukuya eMiami, kwiNgqungquthela yeZizwe-ngezizwe yeHlabathi yaMadoda angoSomashishini baseFull Gospel. Ukuze ukusuka apho ke, ndiye eKingston, eHaiti, ezantsi eMazantsi eMelika, ndinyuke ndidlule eMexico. Ukuze ukusuka apho ke, ndingene e-Afrika. Ukusuka e-Afrika, ndinyuke ndiyokungena eScandinavia. Nezinjalo, ngoloo hlobo. Inxenye enkulu yonyaka, ndiyakholwa, iyakuthathwa zinkonzo zaphesheya. Ngoko ke ndithandazeleni, kufuneka ndenze isigqibo esisiso.

<sup>30</sup> Ngoku oko kokwenzeka kuphela ukuba kukuthanda kweNkosi; ukuba akunjalo, ndilungele ukuya nokuba kuphi na, nakweyiphi na indawo. Akunamsebenzi nokuba kuphi na, ndifuna ukuya. Kodwa okokuba nje ndisakwazi ukuma kwelithuli lomhlaba uThixo andibeke kulo, ndifuna ukushumayela ubutyebi baKhe obungaphandekiyo kude ukufa kundithathe kundisuse kulendawo. Zizimiselo zam ezo, ngobabalo lukaThixo, ukuba Unokundinceda nje. Ukuba nje Unokusisusa isandla saKhe kum, usathana uyakundibulala, ngoko ke thandazani nje ukuba uThixo agcine isandla saKhe senceba phezu kwam.

<sup>31</sup> Andiceli bulungisa baKhe; ndicela inceba yaKhe. 'Yabona? Ngoku, ubulungisa baKhe, hayi, andinakumelana nabo. Yinceba yaKhe kuphela endiyicelayo, ngokuba ndiyazi ukuba andifanelekanga, kwaye akukho namnye ofanelekileyo. Kwaye kungcono ukuba singaceli ubulungisa baKhe. Sifuna inceba yaKhe.

<sup>32</sup> Ngoku, ngokuhlwanje, ilizwi lam libutsha, kodwa ke andikwazanga ukulala eli lungelo, lokuba ndithethe kweli qela lihle lamaKristu. Yima ke, phambi kokuba ndenze esi saziso, makhe ndithethe into ibenye. Ngelithuba nonke nisentliziyo nye ngoku, nimoya mnye, yonke into iqhubeka kamnandi, makhe ndenze intethwana yemizuzu emibini kwibandla lam, yabona.

<sup>33</sup> Phulaphulani, zithandwa zam kwiNdaba eZilungileyo, enizezam . . . zinkwenkwezi kwisithsaba sam, ukuba ndiyakuba naso, bathengwa ngeGazi likaYesu. Ndikwenze ngabom oku, ukubuyela apha ngoluhlobo. Sagqiba kuloo nto sikuhambo lokuzingela, uMzalwana uRoy Roberson, uMzalwana uBanks Wood, kunye nam, siseluhambeni, ukuze sibe nokuza nayo, sibuye. UMzalwana—uMzalwana uRoy nathi sonke sasincokola, nangomlungiseleli wethu, uMzalwana uNeville, indoda ke esoloko iphambi kwenu maxa onke, esalusa nayo yonke into, siyamthanda; kodwa nangoko, uMzalwana uNeville engumlungiseleli oncedisayo, kuye kwabonakala kunzima noko kuMzalwana uNeville ukuba aphume azingenise kokuya, 'yabona. Ngoko sathandaza, kwaza kwabonakala ngathi kuyintando yeNkosi ukuba ibe ndim okwenzayo. Ngoku, ndayicela iNkosi ukuba ukuba Inokundinceda, ndingenza ngako konke endinako.

<sup>34</sup> Ndathi emva kokuba ndenze okukokwam ukuzinikela, nasemveni kokwenza, ukukwenza ukuba ibandla lenze njalo ngoku, ukuba uThixo usisikelela ngale ndlela Enze ngayo kwezi nkonzo zimbawo zidlulileyo, ngokwakuzinikela kuncinci, Uyakwenza ntoni ukuba sithe rhoqo, 'yabona? Sikugcine kunjalo. Ngoku phulaphulani. Niyathandana nonke, indlela ebendinibona emigceni ngayo, kusasanje, nilila nje, izandla nizinyusele kuThixo, no—noMoya othandekayo uhambahamba phezu kwenu.

<sup>35</sup> Ngoku ungakhe umamele nanye into engcolileyo usathana ayakuyithetha. 'Yabona? Ukuba usathana ukubonisa bathile, okanye akuxelele nantoni na engandawo, ngomnye wamalungu oMzimba kaKristu, ungakhe uyikholelwe. Kuba ukhe nje wayikholelwa, uyakuwona amava akho.

<sup>36</sup> Kwaye ukuba ubona omnye wamalungu oMzimba kaKristu esenza into engeyiyo, musa ukuxelela nawuphi na omnye umntu; kodwa yiya kwelolungu, ukuze ngothando, ubone ukuba awunakuba nakho na ukulibuyisela kuKristu kwakhona. Ukuze ukuba ke awubanga nakwenza njalo, wandule uxelele umntu abe mnye, okanye ukuba loo mntu ahambe nawe. Yenze ngalendlela satsho ngayo iSibhalo. Yabona? Kodwa musa . . .

<sup>37</sup> Ukuba ubani uthi, "UDade *Usibani-bani*, okanye uMzalwana *Usibani-bani*," musa ukukholelwa negama elinye kuloo nto. Yiyeke nje idlule. Ngokuba, khumbula, ngusathana ezama ukunikrazula nibe ziziqwenga. Ngoku mjonge nje ukungena kwakhe, kuba uyakwenza njalo. Ngoku yenza nje ukuba indoda elungileyo yendlu, ukholo, ime apho kanye, uze ungakhe uyamkele loo nto. Aba bantu babekwe kwiindawo zaseMazulwini kunye nani, dlelanani kunye ngeentsikelelo zikaThixo, nithabathe isidlo kunye esithebeni, kwaye uMoya Oyingcwele ungqinile ukuba bangabantwana bakaThixo. Ngoko ke masilunge nje, sibe nentliziyo enobubele, sixolela, sinothando. Ukuze ukuba omnye umntu uthetha kakubi ngani, nithethe kamnandi ngabo. Ukhangele indlela eyakubuyela kamnandi ngayo kuwe. 'Yabona? Kunjalo. Kodwa yibani soloko nibuyisela ububi ngobulungisa, intiyo ngothando. Nisuke nje . . .

<sup>38</sup> Uziva ngecono, sthandwa, laa ntombazana incinci phaya emva? Kulungile oko. Ndinombulelo kakhulu. Ewe, bendisaye phaya emva . . . Ibigcuma phaya emva isengxakini, iNkosi uYesu imzisile ke ngoku yamfaka apha enkonzweni. Sibulela kakhulu ngaloo nto. Bendiyishiyele loo nto ipulpit, kule mizuzwana imbalwa idlulileyo. Bebesithi "bathandaze bathandaza, ababinako ukuphumela eNkosisni."

<sup>39</sup> Ngoku, uqiniseke ngokuyenza loo nto. Bhambathisa, kuThixo, "Thixo, ngobabalo lwaKho, yinto endiyakuyenza leyo." Akukhathaliseki nokuba kunini na ubani ethetha into

embi; buyisela ngobulungisa. Musa ukucinga ububi. Ukuba uye wacinga ububi, ube uyithetha nje ngobuhanahanisi, ngoko—ngoko—ngoko uphosisile. Qhubeka njalo uzinikela kuThixo ude ngenene uzive wonwabile ngakuloo mntu. Yindlela omelwe kukuyenza ngayo leyo. Ngoko ke ubumnandi beentsikelelo zikaThixo buyakusuka, owu, buyakusuka buwugubungele umphefumlo wakho. Nantso ke indlela yokuphila ngoloyiso, kwaye akukho nto inokunenzakalisa okoko nje niseluthandweni. Ngoko ke, uthi . . .

<sup>40</sup> 'Yabona, "Ukuba unokuthetha ngeelwimi, ziyakupheza. Ukuba unobulumko, buyakuphuthiswa. Iziprofetho, ziyakubhangiswa. Kodwa ukuba unothando, luyakuma ngonaphakade." 'Yabona?

<sup>41</sup> Kwaye ungathandi kuphela abo bakuthandayo, kodwa thanda abo bangakuthandiyo. Kuba, kulula kum ukuthanda nabani na ondithandayo, kodwa ukuzama ukuthanda umntu ongakuthandiyo. Kulapho unokuvavanya khona ukuba unguye na uMkristu okanye hayi; umntu ongakuthandiyo, uze nangoko, entliziyweni yakho, umthande. Ngoku, ukuba awuyenzi loo nto, ke ngoko bamelela njalo kuThixo. Kulapho, ngoba ndiyazi ukuba iyiNyaniso. Amen. Ndiyazi ukuba yiNyaniso leyo.

<sup>42</sup> Ngoku sizakuvula iLizwi elinexabiso, ngoku, kwiNcwadi yamaHebhere, kwisahluko se-11, ukwenzela uMyalezo omfutshane nje.

Njengokuba ilizwi lam libutsha, kodwa ndibe nenjikalanga emnandi nabazalwana noodade. Ndaza andaba nakungena kwada kwayintsimbi yesithandathu, ndaza ndabaleka ndangena egumbini ndaguqa phantsi ecaleni kwebhedi, kwigumbi lokulala, ndathandaza imizuzwana embalwa. Ndaphakama, ndathabatha iBhayibhile yam ndaqalisa ukufunda. Ndaza ndabona ulindexsha wephephandaba ephantsi apho, ndamthabatha, wabe engowesi-Afrikaans, ngoko ke andaba nakumfunda.

<sup>43</sup> Kwaye ngamanye amaxesha, ekufundeni, uye ubhaqe igama, lize eloo gama liphile kuwe. Yindlela nlungiseleli afumana ngayo owakhe, umyalezo wakhe. Uqalisa nje ukufunda, ukufunda iBhayibhile, nenye into. Into yokuqala uyazi, ubhaqa into, ize enye into yongezeleleke kuloo nto, enye into yongezeleleke kuloo nto. Uze ke, uyikrwelele, uye epulpitini uyifunde. UThixo uyakukwenza konke okuseleyo kuko. 'Yabona, nguYe uyakukukhathalela okuseleyo.

<sup>44</sup> Ngoku, ngamanye amaxesha uba nemihlali kakhulu, ude wenze iingcingana zento, iincwadana zamanqaku eengcinga obucinge ngazo. Ngamanye amaxesha enkonzweni, apho uye uze epulpitini ngokukhawuleza, ukuze, ufunde nje ezo ngecingana zincinci ubuzenzile, uMoya Oyingewele uyakuzivusa kwakhona. Ndiyenze kaninzi loo nto.



45 Ngoku kumaHebhere 11, masifunde ivesi yo-1, okokuqala, sizakufunda imiqolo eliqela noko.

*Ukholo ke kukukholosa ngezinto ezithenjweyo; kukweyiseka bubukho bezinto ezingabonwayo.*

*Kuba amanyange angqinelwa ngokuba nalo olo.*

*Ngokholo siyaqonda ukuba indalo le yonke yenziwe yabakho ngelizwi likaThixo, ukuze izinto ezi zibonwayo zibe aziphume kwezibonakalayo.*

46 Alityebanga? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mlh.] Mandiwufunde lo mqolo wesithathu kwakhona. Phulaphulisisa.

*Ngokholo siyaqonda ukuba indalo le yonke yenziwe yabakho ngelizwi likaThixo, ukuze izinto ezi zibonwayo zibe aziphume kwezibonakalayo. (ILizwi likaThixo!)*

*Ngokholo uAbheli wasondeza kuye uThixo umbingelelo ogqithileyo kunokaKayin, awangqinelwa ngawo ukuba ulilungisa, uThixo wayingqinelayo nje iminikelo yakhe; ngalo ke . . . efile nje, usathetha.*

*Ngokholo uEnoki wafuduselwa emazulwini ukuba angaboni kufa; akaba nakufunyanwa ke, ngenxa enokuba uThixo . . . wamfudusayo kuba ngaphambi kokufuduswa kwakhe, wangqinelwa ukuba umkholise kakuhle uThixo. Enamakhulu amahlanu eminyaka yobomi, futhi!*

*Ke, lungekho ukholo, akunakubakho ukumkholisa kakuhle; kuba lowo uzayo kuThixo, umele kukukholwa ukuba ukho, nokuba ungumvuzi wabo bamfunayo.*

*Ngokholo uNowa, ehlatyelwe nguThixo ngazo izinto ebezingekabonwa, wathi ngokoyika uThixo wawakha umkhombe wokusindisa indlu yakhe, awathi nga . . . lo waligweba ihlabathi, waba yindlalifa yo . . . bulungisa obungo—obungokholo.*

47 Ngoku makhe sithandaze umzuzwana, sithobise iintloko zethu.

48 Nkosi, Thixo noBawo wethu Onguyena Unenceba, ngoku siza eBusweni baKho kwakhona, sinombulelo. Kwaye asiziva siseBusweni baKho kuphela ngokuba sithobise iintloko zethu sithandaza, kodwa siyakholwa ukuba sisoloko siseBusweni baKho, ngokuba kuthiwe, “Amehlo eNkosi ayaquqa kulo lonke ihlabathi.” Kwaye Wazi izinto zonke, kananjalo Wazi ingcingane zentliziyo.

49 Ngoko ke, Nkosi, isizathu sokuba sithobise iintloko zethu, kukuze sicele esi sibongozo, ukuba Usixolele zonke iziphoso zethu nezigqitho esizenze kuWe, ukuze inceba yaKho yolulelwe kuthi kube kanye kwakhona, ngokokude Uvule imilebe yethu sithethe nendlebe zethu ukuba sive, ukuze iLizwi laKho libe

yinene kuthi, ngokuhlwanje; ukuze ezi vesi zibalwa sikhethe ukuzifunda zibe luncedo olukhulu kulo lonke ilungu lomzimba waKho oyimfihlakalo emhlabeni, iBandla laKho lokomoya, iBandla lamaZibulo, elaa Bandla lithengwe ngeGazi likaYesu, elihlanjiweyo labuya langcwaliswa, liyakusiwa kuThixo ngaloo Mini, lingenasiphako namibimbi. Indlela esiKubulela ngayo, ngokuba sibe nokholo lokukholwa ukuba singabanokuxhamla koku kulunga kukaThixo, ngenxa yobulungisa nenceba yeNkosi yethu uYesu!

<sup>50</sup> Siyathandaza ngoku ukuba Uphilise zonke izifo. SiKubulela ngokuchukumisa laa ntombazanana kwimizuzwana nje edlulileyo, xa ibilele igcuma phaya ngaphakathi egumbini, ziintlungu; sayibona iphuma, oloo kholo lufana nolomntwana, yaze yaKwamkela nenceba yaKho. Kwaye siyaKubulela ngenxa yoku; sithandaza ukuba Usikhumbule isihlotyana sikaDade uBaker phaya eKentucky, kunye nabo uMzalwana uNeville ebethetha ngabo, nawo, Owu Thixo, umkhosi ongenakubalwa wabagulayo kwindawo zonke. Nangakumbi, Nkosi, abo bangasindiswanga bangaKwaziyo; ukuba bafele ezonweni zabo, abanako ukuza apho Ukhoyo.

<sup>51</sup> Siyathandaza ukuba Usiphe ubungqina namandla, nokungafihlisi ukuze sithethe iLizwi lakho, nobulumko ukuze sazi ukuba siLithethe nini na. Uze ke uthethe nathi xa sesithethe ngokwaneleyo, ukuze siphume sihambe sibashiye abantu bemangalisiwe, bematshekiswe, nguMoya Oyingwele omkhulu nomsebenzi waKhe. Sinike, Nkosi. Sive ngoku, siyathandaza, sikucela ngeGama likaYesu. Amen.

<sup>52</sup> Ndaye ndingathanda ukuthetha nje ixesha elifutshane ngengongoma yezimvo. Sifundiswa ukuba umntu wemveli unezimvo ezintlanu, ezo zimvo zintlanu ke zilawula okwakhe—okwakhe... Okanye, Wanikwa, uThixo wamnika ezi zimvo zintlanu, ukuze abe nokuhlangana nekhaya lakhe lasemhlabeni, ezo zimvo zaziwa ngokuba: kukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, ukuva. Ezo zimvo zintlanu ke ziyaziwa ngumntu wemveli, zaye zilungile futhi, kwaye asinakusebenza okanye siphile ubomi obuqhelekileyo xa olunye lwezi zimvo lusilela ukusebenza. Ukubona kwakho, ukuva, ukuchukumisa, ukujoja, okanye ukungcamla, asinakuphila ngokufanelekileyo ngaphandle kwazo. Kukho into engekho, indawana ethile yobomi esingenakuqhakamshelana nayo, ngaphandle kokusebeza kolo luvo. Zaye ke zilungile ziluncedo kakhulu, kwaye saziphiwa nguThixo.

<sup>53</sup> NguThixo owasinika ezo zimvo, kodwa nizinikwe ngokwesipho. Kuxhomekeka ke ekubeni wena, uziyekelelela kwintoni na ezi zimvo, iyakuba yindlela obulawuleka ngayo ubomi bakho leyo, indlela oziyekelelela ngayo ezo zimvo zintlanu. Oko... Ukubonayo, okuvayo, okungcamlayo, ukujoja, okanye

ukuchukumisa, nokuba yintoni na ezo zimvo eziyekelelelwa kuyo, iyakukoyisa.

<sup>54</sup> Kwaye sinombulelo kuThixo ngokuba sinezi zimvo zintlanu, kodwa nakanjani na ezi zimvo wawungazinikelwanga ukuba zikukhokele. Wazinekelwa uqhakamshelwano lwasemhlabeni. Kodwa ke wanikwa uluvo lwesithandathu, kwaye, olo luvu lwesithandathu, loloMkristu kuphela. Kananjalo awunakuba nalo olu luvu ungekabi nguMkristu; yiloo ndlela kuphela onokuthi ngayo ube nokuba nokungaphezu kwezimvo ezintlanu zemvelo zomntu wemveli. Uluvo lwesithandathu lwazeka ngcono, kuMkristu, ngokuthi lukholo. Lulo olukulawulayo nolukukhokelayo, kwaye lungentla kunazo zonke ezinye izimvo. Lolona lukhulu kwizimvo zonke, kuneziya zintlanu izimvo.

<sup>55</sup> Ngoku, andinakutsho ukuba ngenxa yokuba sisamkela uluvo lwesithandathu ukuthi izimvo ezintlanu azisalunganga. Ewe, zilungile. Ezo zimvo zintlanu wazinikwa nguThixo, kwaye zifanelwe ukusetyenziswa. Kodwa xa izimvo ezintlanu zisebenza ngokuchasene neLizwi likaThixo, sukube zixoka.

<sup>56</sup> Ngoku, uluvo lwesithandathu alunakuxoka. Lolona luvu lukhulu. Yiloo nto ke endifuna ukuthetha ngayo. Ngale ntsasa bendithethe ngo: *Owona Mqondiso Mkhulu*. Kuze ngokuhlwanje kube ngu: *Olonu Luvu Lukhulu*.

<sup>57</sup> Kwaye olona luvu lukhulu nguMoya Oyingwele, ukholo lukaThixo oluhleli kuwe. Kwaye ukuba uyakwenza ukuba izimvo ezintlanu ziyekelelelwe kuluvo lwesithandathu, luyakukhokela luzise ezinye ezi izimvo ezintlanu phantsi kolawulo lolo luvu lulolona lukhulu. Kuba lukude le ngentla kwezimvo ezintlanu zemvelo, njengokuba umntu wokomoya engentla komntu wemvelo lukude luphakame njengokuba amazulu enjalo, ngaphezu komntu wemvelo nezimvo zakhe ezintlanu. Lukwenza ukholelwe izinto ongenakuzibona. Lukwenza usebenze kwindawo apho ungacingi ukuba izimvo ezintlanu bezinokuze zicinge ngayo. Usathana angangena kwezi zimvo zintlanu akuxokise, kodwa akangeke aluchukumise olwa luvu lukhulu. Lukude le ekufikelelweni nguye. Luvela kuThixo lona. Lubizwa ngokuba lukholo. Ukholo luyiloo nto inkulu.

<sup>58</sup> Kananjalo izimvo ezintlanu azilulawuli uluvo lwesithandathu, kodwa uluvo lwesithandathu luyazilawula izimvo ezintlanu. Olona luvu lukhulu luyazilawula izimvo zemveli. Izi—izimvo ezintlanu ke kukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, ukuva. Uluvo olukhulu ke yinto eyakukwenza ukholwe liLizwi likaThixo, kuba yiloo nto kuphela oluyakuthetha ngayo. Kwaye luyakukwenza ukuba ukholelwe izinto ongenakuzibona, izingcamle, uzichukumise, uzijoje, okanye uzive, kuba luyakuthabatha iLizwi likaThixo. Luze ke luzise eloo Lizwi kuwe, lukwenze ke usebenze

ngokuchasene nayo yonke enye into ngaphandle kweLizwi likaThixo. Ngokholo, ukholo luyayenza.

<sup>59</sup> Ngoku, ekunikeni le ngcaciso, yezimvo, umntu wemvelo uzalwa nezi zimvo, ngoko zizimvo azinikwe yimvelo. Kuze kube kuphela kwaloo nto ke anokuthi abe nokuyazi, ngokucinga kwakhe kwengqondo. Unokucinga kuphela njengomntu, ubona njengomntu, unokuqonda ngokomntu, uva njengomntu; kodwa akuba elawulwa, okanye ezelwe ngokutsha, okanye singayibiza ngokuthi “luzalo lwesibini,” ngoko ke olo luvo lwesithandathu, olona luvo lukhulu luyamphatha. Ukuze, ngokwenza njalo, xa uluvo olukhulu lumnyusela kwindawo apho anokholo lokukholelwa izinto angenakuziva, izinto angenakuzibona, izinto eziqondakalayo angenakuziqonda. Uyazikholwa nakanjani na, ngokuba ulawulwa lolwa luvo lwesithandathu, olwa luvo lulolona lukhulu. Owu, kumangalisa njani ukulwazi, nokucinga indlela ekulula ngayo ukulukholelwa!

<sup>60</sup> Ngoku, awunakulukholelwa ude ube uzelwe ngokutsha. IBhayibhile ithe, “Akukho mntu unokumbiza ngokuba unguKristu uYesu, kungengaye uMoya Oyingewe.” Besingene kuloo nto kuleveki iphelileyo. Kwaye ibisoloko isesona sikhubekiso, ngakumbi kubantu abakholwayo benkonzo kaMoya, xa bendiva ndisithi. UYesu wathi, kuYohane Ongewele 5:24, “Lowo ulivayo iLizwi laM akholwe luLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade.” UBomi obunguNaphakade buvela kuThixo, kuphela. “Kwaye akukho mntu unokumbiza ngokuba unguKristu uYesu, kungengaye uMoya Oyingewe.”

<sup>61</sup> Nithatha nje into eyathethwa ngomnye umntu, enayifunda ngobulumko, enayifunda ngezimvo zemvelo ezintlanu. Kodwa lwakungenelela uluvo lwesithandathu, uMoya Oyingewe, Lususa konke ukubeka izizathu kwezi zimvo zintandathu... zimvo zintlanu, lukunyusele kolwa luvo lwesithandathu, lukwenze ukholelwe izinto ongenakuzibona, izingcamle, uzichukumise, uzijoje, okanye uzive. Lunento oluyenzayo kuwe. Ngoko ke ungatsho ukuthi uYesu unguKristu, ngokuba unabo ubungqina boko; hayi into oyifundiswa yimfundiso yobulumko, kodwa into onamava ngayo.

<sup>62</sup> “Lolokwenza ntoni ke uluvo lwesithandathu, Mzalwan’uBranham? Luzela ntoni uluvo lwesithandathu?”

<sup>63</sup> Uluvo lwesithandathu luzela esi sizathu. Ngoku, uluvo lwesithandathu lulukholo, olona luvo lukhulu. Ngoku ukuba... Uluvo lwesithandathu luza ngenxa yoku kuphela, yayikukuze, lwenze izimvo ezintlanu ezikuwe zikhanyele nantoni na echasene neLizwi likaThixo. Lolwaloo nto ke uluvo lwesithandathu. ISibhalo sithetha ngoku “lahlela phandle ukubeka izizathu.”

<sup>64</sup> I-i, ’yabona, izimvo ezintlanu ziza, unokubeka isizathu, “Ke, ngoku, ingathini le ndoda, kungathini khona...?”

65 Kodwa uluvo lwesithandathu alukuboni oko konke konke. Lukude le lungaphaya kwako! Luphezulu kangako kunako, kangangokuba alunakubeka sizathu konke kulo. “Siyalikholelwa!” Lukude mpela kwinto enokuthethwa zizimvo ezintlanu ngalo. Ngoku silungiselela inkonzo yempiliso, ’yabona. Siyalikholelwa! Uhamba ngolo luvo lwesithandathu, uthetha ngolo luvo lwesithandathu, uphila ngolo luvo lwesithandathu, wafa ngolo luvo lwesithandathu, wavuka ngolo luvo lwesithandathu. Olona luvo lukhulu, into ethile engaphakathi kuwe, eyahlukileyo kwinto ayiyo umntu wemvelo.

66 Umntu wemuelo unezi kuphela yena, kwaye ke zilungile ukuba zinako ukuziswa ekubeni zithobeke uluvo lwesithandathu. Ukuba ingqondo yemveli ithi, ifunda iLizwi likaThixo ize ithi, “LiLizwi likaThixo eliya,” ithetha iNyaniso. Kodwa ukuba iyafunda, ize ithi, “AyiloLizwi likaThixo lonke. Okanye, okanye, Yayililo. Yinto ethile, Yayililo ngaxesha lithile, kodwa ngoku aYiselilo.” Ukuze ke kungene olwa luvo lwesithandathu, luthi, “UsenguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade.” ’Yabona, nanko ke umahluko.

67 Kungenxa yoko ukuba abantu abaninzi basilele ekufumaneni impiliso. Bazama ukuza ngokuqonda kobulumko. Bathi, “Owu, ndi—ndenza *oku*, okanye ndikholelwa *oku*, njalo njalo.”

68 Kodwa ukuba olwa luvo lwesithandathu luthetha laa nto, ngoko ke akukho nto inokubashukumisa ibasuse kolwa luvo lwesithandathu. Uluvo lwesithandathu luze eluntwini khonukuze lubenze bayale nayiphina into enxamnye neLizwi likaThixo. Nasiphina isibonakaliso, nasiphina isibonakaliso esichasene nedinga likaThixo, uluvo lwesithandathu luthi asikho, ukuba nguMkristu ozelwe ngokutsha.

69 Into yokuqala nje uyazi, umphiki othile, umntu ongakholwayo, uyajikela aye kuMkristu athi, “Ngoku khangela apha, akukho nto injengoMoya Oyingcwele apha. Uyaphazama nje, kuloo nto. Uphambene, ukuba ukholelwa into enjengaLeyo. Akukho nto injengaLeyo.”

Olwa luvo lwesithandathu luya ngqo emsebenzini.

70 “Mandikubonise, eBhayibhileni, apho ungenakuwamkela uMoya Oyingcwele. Kwaye, uyabona, ndingakubonisa indawo apho abafundi baWufumana khona, kodwa—kodwa . . .”

71 “Ewe, ngoko,” uthi, “khangela,” uluvo lwesithandathu luyakukukhombisa ngaphaya luthi, “kodwa Wathi, ‘Idinga likuni nakubantwana benu.’”

72 “Ke, oko kwakuthetha abantwana babo. Oko, oko kwakungathethi wena. AsingoWakho.”

<sup>73</sup> Kodwa olwa luvo lwesithandathu lwazi ngcono. Ngoba? Sele Ukuwe kakade. Bayithethe emva kwexesha kakhulu loo nto. SoWumamkele.

<sup>74</sup> Abantu abafundisa ukuthi, “Akukho nto injengoMoya Oyingcwele apha,” abayazi into abathetha ngayo.

<sup>75</sup> Njengalaa nkwenkwe, ngaxesha lithile, yayichuba i-apile, yaza yabuzwa ngumphiki ongakholwayo, bexoxa ngenkonzo. Wathi, “Ufuna ntoni, ufuna ntoni apha?”

<sup>76</sup> Yathi, “Ndifuna ukukubuza umbuzo.” Isalidla njalo i-apile ilonwabele, umntu ophantsi kakhulu, ngembonakalo, ikhangeleka njengomntu oyindlavini, ineenwele ezijinga ebusweni, inezinyo elingekhoyo ngaphambili; inxibe into endala, yebhatyi ye-avalolo engcolileyo. Yathi, “Kukho umbuzo omnye endifuna ukukubuza wona.”

<sup>77</sup> Lo mphiki ungakholwayo wayesandul’ukuthi “Akukho nto injengoThixo apha. Yimihlali nje yonke loo nto. Ibubuvuvu nje, kukuphela kwento eyiyo leyo.”

<sup>78</sup> Yaze yathi inkwenkwe, “Ndifuna ukukubuza umbuzo, mnumzana. Ingaba eli apile limnandi okanye limuncu?”

Wathi, “Ngoko, ndazi njani? Asindim olityayo.”

Yathi, “Yile nto bendiyicinga kanye leyo,” yahamba yemka.

<sup>79</sup> Wazi njani, xa ungekayingcamli iNkosi? Wazi njani, xa ungazange umamkele uMoya Oyingcwele, khon’ukuba Uyinene na okanye Akayiyo? Wazi njani ukuba ngamandla nokholo? Wazi njani ukuba akulilo “uvuyo olungathethekiyo noluzele ubuqaqawuli,” xa ungakhange walungcamla ulubone? Uluvo lwesithandathu lukukhokelela kuloo Nto. Uluvo lwesithandathu lukucacisela Oko.

<sup>80</sup> Akukho mandla wobulumko bengqondo konke, anokukuzisela Oko. Amandla obulumko ayakucinga abeke izizathu athi, “Ngoba, bubungcali bengqondo. Yinto ethile *elolu* hlobo, kwaye yimihlali nje ebantwini.”

<sup>81</sup> Kodwa lwakungena uluvo lwesithandathu, luzikhanyela zonke ezo zinto, lumfudusele umntu ngqo esifubeni sikaThixo. “Lowo uzayo kuThixo umelwe kukuza ekholwa ukuba Ukho, yaye ungumvuzi wabo baMfunayo.” Ngokholo! Ngokholo, u-Abraham! Ngokholo, u-Isake! Ngokholo uYakobi! Bonke ngokholo! Luluvo lwesithandathu olwenza oko. Uluvo lwesithandathu lukhanyela zonke izibonakaliso, zonke iimpawu, nantoni na enxamnye neLizwi likaThixo, nokuziva, imihlali.

<sup>82</sup> Umntu othile uthi, “Owu, kulungile, bendithandazelwe; kodwa andiziva ngcono nangoko.”

<sup>83</sup> Uluvo lwesithandathu alunakumela loo nto ndawonye. Uluvo lwesithandathu lungathi, “Bubuxoki! Ndiziva ngcono. Ndiya ndiphila. UThixo uthe kuyakubanjalo, kuphelele apha.

Amen! UThixo utshilo.” Uluvo lwesithandathu ludla iLizwi likaThixo kuphela.

<sup>84</sup> Olwa luvo lulolona lukhulu, lolona lukhulu, ngaphezu kwezimvo. Luluvo olukhulu. Lukholo. Ngamandla agungqisayo aqhubayo. Amen. Yinto ekwenza wenze izinto ongazange ucinge ukuba ungazenza. Luluvo lwesithandathu, olona luvo lukhulu.

<sup>85</sup> Uyathandazelwa. Masithi mhlawumbi une—unesandla esifinyelelo uze uthandazelwe, isandla sakho, uza phaya ukholwa kuThixo ukuba uzakukuphilisa. Umlungiseleli akuthandazele, ubuyele emva. Umntu omdala wemvelo uyakuthi, “Akukho mahluko uwuvayo kwesaa sandla. Awungconwanga konke kunento obukade uyiyo.” Kodwa uluvo lwesithandathu luyafika, luze luthi, “Bubuxoki obo! Ubuthandazelwe, iphelile ke imbambano.” Amen.

<sup>86</sup> Njengomfazi oweza enkonzweni yethu ngelinye ixesha, wayeze apho enkonzweni, bebabibni. Banqumla eqongeni. Babekubonile ukucalulwa kweengcingane. Abo bafazi basuka nje—nje bathabatheka. BabengaMakristu okwenene bobabini. Kwenyuka wamnye, wafika uMoya wathi, “Ubulawa yinkathazo yesisu.”

Baze ubuso bakhe bakhululeka. Wathi, “Yinyaniso leyo.”

<sup>87</sup> Waze uMoya Oyingcwele wathi ngam, wathi, “Kwaye sisilonda i-ulcer. Sibangwe kukuphazamiseka engqondweni. Ubuxilongwe ngugqirha othile, waze wathi awunako. . . okanye kufanele ukuba—okanye kufanele ukuba wenziwe uqhahqho, ukuze sisikwe sisuswe.”

Waze wathi, “Igama ngalinye kuloo nto liyinene!”

<sup>88</sup> Ekuboneni ke ukuba wayelikholwa kangako, waze Wathi, “Igama lakho unguNksz. *Usibani-bani*, uvela *ekuthini-thini*, nakwindawo *ethile-thile*.”

Wathi yena, “Yinyaniso leyo!”

<sup>89</sup> Yayiyintoni na? Luluvo lwesithandathu luyibamba. Uluvo lwesithandathu noMoya Oyingcwele lwalumelene. UMoya Oyingcwele wayethetha, uluvo lwesithandathu lwalusithi “amen.” Nantso ke. Kufanele ukuba kubekho into eyenzekayo.

<sup>90</sup> Ngexesha uMarta wabalekayo wayakufuna uYesu, wathi akumfumana, “Nkosi!” Lukhangele uluvo lwesithandathu. “Ukuba Ubulapha, ngengafanga umnakwethu; kodwa nangoku, nantoni na ongathi Uyicele kuThixo, uThixo uyakukunika.” Nalo ke uluvo lwesithandathu.

<sup>91</sup> UYesu waZiqokelela, wathi, “Ndim uVuko, noBomi; lowo ukholwayo kuM, nokuba ubethe wafa, uyakudla ubomi nodla ubomi ekholwa kuM akasayi kubona kufa naphakade. Uyakholwa na koku?”

<sup>92</sup> Uzakuthini ke, sizathu? Nantsiya indoda ilele phaya, ifile, neempethu ziyanyuquza kuyo.

<sup>93</sup> Kodwa Usand'ukugqiba ukuthi UluVuko noBomi. LiLizwi likaThixo elo. Olwa luvo lwesithandathu, ngaphaya kokukhathalela kukagqirha, ngaphaya kweengcinga zophando lwenzululwazi. Yala konke, yala konke ukucinga izizathu, uzilahle phantsi. Ngoba? Kukungqinela iLizwi likaThixo, "NDINGUYE. Andingo 'Ndizakuba nguYe, NdandinguYe.' NDINGUYE NGOKU! Ndim uVuko noBomi," UMntu. "Lowo ukholwayo kuM, nokuba ubethe wafa, uyakudla ubomi; nalowo udla ubomi ekholwa kuM akasayi kubona kufa naphakade. Uyakholwa na koku?"

<sup>94</sup> Wathi, "Ewe, Nkosi," uluvo lwesithandathu, "Ndiyakholwa ukuba unguNyana kaThixo, lowo uzayo ehlabathini."

"Umnakwenu uyakubuya avuke kwakhona." Owu, Nkosi!

<sup>95</sup> Baya engwabeni! Bobabini, kunye, kukho into ekufuneka yenzekile. Yayilolona luvo lukhulu olo, uThixo emi ekho, kwanyanzeleka ukuba kubekho into eyenzekayo. Uluvo yayilolona luvo lukhulu, yayinguThixo. Kwakukho iNto ethile emxelela oko uMarta. WayeMbonile. WayeMazi. WaMqonda ukuba Unguye uMesiya. Waze wazi ke, ukuba xa enokuthi nje afike kuYe, ukuba nje unokuthi asondele kuYe ayandlale imeko, ave isithembiso nje sibe sinye esivela kuYe, yiloo nto kuphela awayeyifuna. Wathi Akuthi, "Ndim uVuko noBomi; lowo ukholwayo kuM, nokuba ubethe wafa," yiloo nto yodwa uMarta awayefuna ukuyiva, kuphela kwento awayeyifuna. Ngokuba, uluvo lwesithandathu, olona luvo lukhulu, ukholo lwakhe, lwalumqhubela ukuba aMvume, akholwe kuYe.

<sup>96</sup> Lo mfazi, ekumkeni kwakhe eqongeni, yayingu ITSHO INKOSI, "Goduka udle. UYesu Kristu uyakuphilisa." Wagoduka ke.

<sup>97</sup> Ngobo busuku, umhlobo wakhe ohlala ebumelwaneni, wayengowesithathu okanye owesine emva kwakhe, waye ke enegqitha elikhulu entanyeni. Waza kufika ke, emvuyela kakhulu u—ummelwane wakhe, owayezakuphiliswa kwi-ulcer eyayimhlupa oloo hlobo. Lo yayingomnye kubaguli abangamakhulu-khulu, amawaka abo. Nalo ke eloo gqitha likhulu lithe phuhlu entanyeni yakhe, waza kufika ke. Ndathi, "Akukho mntu ube nokukucalula oko. Kodwa kukho into ekonwabisileyo, kukho nto ikuvuyisileyo, kungokuba laa mfazi uhleli phaya ngummelwane wakho.

<sup>98</sup> Moya Oyingwele! Wacinga, "Kube bethu iyazi njani laa nto laa ndoda? Kunokuba kukho iNto ithile iyityhilelayo."

<sup>99</sup> Ngoko yathi yakuthethwa loo nto, Kwathiwa, "Ucinga ngentamo yakho."

"Ewe."



“Uyakholwa ukuba liyakumka?”

“Ndiyayikhholwa,” watsho, “ngentliziyo yam iphela.”

<sup>100</sup> Ndathi, “ITSHO INKOSI, goduka kwaye uyakuyamkela impiliso yakho.”

<sup>101</sup> Umntu wemvelo waphunguza waze akabona mqondiso. Laa mfazi wayenesilonda esiswini wabuyela ekhaya wazama ukutya, kwaze, owu, waphantse wafa. Owu, umntu wemvelo, uluvo lwemveli, ukuziva kwakusathi i-ulcer isekho.

<sup>102</sup> Ngoko emva kokuba kudlule iveki okanye iiveki ezimbini, wayakungena ebumelwaneni, nakubo bonke abantu bakowabo, nasebandleni, engqina, “INKosi indiphilisile.”

Baze ke bathi, “Uyatya ngoku?”

<sup>103</sup> “Hayi andikatyi kanye-kanye yonke into endiyifunayo. Kodwa,” wathi, “Sendiphilisiwe, kuba ngemivumbo yaKhe ndiphilisiwe.” Akunamsebenzi nokuba yayiyintoni na, wayephilisiwe nakanjani na.

<sup>104</sup> Ngantsasa ithile, abantwana beye esikolweni, waze walamba kakhulu. Wayemile, ehlamba izitya, ngasefestileni. Weza enkonzweni, inkonzo elandelayo malunga nesithuba sonyaka emva koko. Wayehlamba izitya ke, wathi akuthi, into yokuqala nje, waziva esiva ukuziva okungaqhelekanga kakhulu kumgubungele. Waze wacinga, “Ibiyintoni leyo? Ndizive ndingathi ndizakukhala.”

<sup>105</sup> Umyeni wakhe ke wayesemyalile, esithi, “Sthandwa, kuyeke ukuthetha ngokwa kuphiliswa,” wathi, “ngokuba,” Nangona wayenguMkristu, wathi, “Uzisa ihlazo kwiMbangi.”

<sup>106</sup> Ungezisa ihlazo njani xa ungqinela iLizwi laKhe? Uyakuzisa ihlazo xa ungaLingqineli.

Wathi, “Ukuba ubuphilisiwe, ubuphilisiwe.”

<sup>107</sup> Wathi, “Laa ndoda yema yandijonga emehlweni, yaze yandixelela imeko yam nezinto endakha ndazenza, nokuba ndingubani na, nalapho ndivela khona.” Wathi, “Bendingekho endlwini ishumi elinesihlanu lemizuzu, ukuya kwayo eqongeni. Yayinokuyazi njani loo nto le ndoda? Andizanga ndayibona ebomini bam, yaze yandixelela, ITSHO INKOSI, uphilisiwe.” Waze wathi, “Ndiyakuyikholelwa ndide ndibe ndifile.” Wathi, “Ndiyakuyikholelwa nakanjani na.” Yona ke nodade wabo babemnxwala, umhlobo lo, babebhambathise kuThixo, ukuba bayakulugcina olo kholo.

<sup>108</sup> Ngaloo ntsasa, waziva ngendlela engaqhelekanga mpela, kwaza kwimizuzu embalwa walamba. Abantwana ke babeshiye isidudu sengqolowa epleyitini, isityana esincinane; wathi ke eso sidudu sasisuke nje simtshise. Ukuba kukho umntu owake wanayo i-ulcer, uyayazi ukuba iyintoni na. Wathoba wakha amacephe embalwa kweso sidudu. Kwaye, “Owu,

Nkosi,” wathi, “Kuzakufuneka ndihlawule ngenxa yoku, ndiyaqikelela, kodwa ngolunye usuku ndizakuphila.” Kodwa waqaphela ukuba wayesalambile, wasuka ke ngoko wasigqiba eso sitya. Walinda imizuzu embalwa, ukuba abone ukuba kuzakwenzeka ntoni na. Akwenzeka nto; waziva onwabile, esalambile. Waziqhotsela amaqanda amabini, wazigalelela imagi yekofu, wathabatha isonka esigcadiweyo, wazenzela enjani yona i-jubilee umgidi wentlokoma. Watya nje konke awayenako ukukutya. Wayeqhubele phambili ke ekuhlambeni izitya, kwaze emva kwesiqingatha seyure emva koko, wabe sele elambile kwakhona. Kungekho kugula konke.

<sup>109</sup> Wathwala umnqwazana wakhe omncinci, wehla ngesitrato, wakungena kwammelmwane wakhe. Wathi ke akufika apho, weva, wacinga ukuba mhlawumbi kukho obhubhileyo koloo sapho. Babekhala, bekhwaza, bejikeleza. Loo mfazi wayelele kwade kwasemini ngaloo ntsasa, waze wavuka, ekhangela elaa gqitha lalisentanyeni yakhe, lalinyamalele ebusuku. Yayiyintoni na? NguThixo esemsebenzini.

<sup>110</sup> Apha phezulu eCadle Tabernacle, ngokuya sasinalaa nkonzo, laa nkwenkwe yayisisiqhwala yayingene phaya yaze yathandazelwa. Abaninzi benu babephaya ukuya kuyibona. Bayibuyisela phaya kwelaa gumbi lokungxamisekileyo. UBilly wandikhokelela kuyo. Babeze nayo eqongeni ubusuku obuthathu okanye obune, phaya phezu kwe... esakhiweni. Yayingalifumananga ikhadi lokuthandazelwa, ngoko ke bayibeka phaya kwigumbi lokungxamisekileyo. Ndangena phaya phakathi ndayithandazela, ndayijonga. Yathi, “Mnu. Branham, unganako ukundinika inkuthazo?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi, nyana. Yipoliyo eyakwenza ukuba ubenje.”

Yathi, “Kunjalo.”

<sup>111</sup> Ndathi, “Igama lakho lingu *sibani-bani*. Uvela kwindawo ethile.”

“Kunjalo,” yatsho. Yathi, “Uthini ngokuphiliswa kwam?”

Ndathi, “Waphiliswa ngemivumbo yaKhe.”

<sup>112</sup> Yagoduka, ingqina, inika uThixo udumo. Yaze yazisa elinjani ihlazo, batsho, ebumelwaneni, kwade ngenye iCawe iqela labefundisi leza lahlala ecaleni kwayo lathi, “Kufuneka upheze ukwenza laa nto. Uzisa ihlazo kwiMbangi.”

<sup>113</sup> Waze loo mfana ehleli apho, wathi, “Mnumzana, ukuba ubuhleli kule ndawo ndikuyo, ukuba ubukwesi situlo ndihleli kuso, ubungeke uzame ukundibhunyula ithemba lokugqibela ekuphela kwendinalo, kuKristu.” Wathi, “Ndiphilisiwe ngemivumbo yaKhe.” Kwathi nje ukuba atsho... Ehleli apho efe iinyawo, izandla, umzimba, umqolo. Kwaze kwathi nje ukuba atsho, wasuka waphakama esitulweni, ezukisa uThixo.

114 Intoni? Izimvo zakhe zemveli zathi uyakuhlala apho; ugqirha wathi uyakuba lapho naphakade, okanye okoko nje esadla ubomi. Kodwa uluvo lwesithandandathu luthi, “Ngemivumbo yaKhe ndiphilisiwe.” Waze akafuna kuva nento . . . Lulahla kude yonke into echasene nokuthethwe nguThixo. Lolwa loo nto uluvo lwesithandathu.

115 UJohn Rhyn omdala, ingenguye u-R-y-a-n, u-R-h-y-n. Kwakukho ingqiba eliyimfama eFort Wayne, apho ke apho sasiye khona ngaloo mini waze wathandazelwa enkonzweni. Yayibubusuku obuphambi kobuya ipiyano yathi yadlala “Inyangi Enkulu Ikhona La,” [*The Great Physician now is near—Mguq.*] kungekho mntu izidlalela nje ngokwayo. Ke ngexesha awayeyimfama, wayengumKatolika, ngenkolo. Waze we—wema emgceni, ndaze ndamjonga, ndathi, “Igama lakho ungasibani-bani, uJohn Rhyn.”

“Ewe.”

“Ungumngqibi ohlala phaya ekoneni. Yiminyaka uyimfama.”

“Ewe, kunjalo.”

“UngumKatolika, ngenkolo.”

“Kunjalo.”

116 Ndathi, “ITSHO INKOSI, uyakuyamkela impiliso yakho.”

Wathi, “Enkosi, mhlekazi.”

Ndathi, “Bulela iNkosi.”

Wathi, “Kodwa andiboni.”

Ndathi, “Loo nto ayinanto yakwenza noko. Uphilisiwe.”

117 Waze wathi, wehla, bamncedisa bemsusa eqongeni. Umntu wemveli kwakungekho nto anokuyibona tu. Babengaboni ziphumo zoko konke konke. “Ngoba,” bathi, “useyimfama kanye ngale ndlela ebeyiyo.”

118 Baze ke ababini babahlobo bakhe bambuyisa bambeka emgceni wokuthandazelwa kwakhona, bamzisa kwakhona. UHoward wamdlulisa. Wathi akuza kwakhona, wathi, “Mhlekezazi, undixelele ukuba ndiphilisiwe.” Ndathi, “Undixelele ukuba undikholelwe.”

119 Wathi, “Ndiyakukholelwa khona. Andinazo izizathu zokungakukholelwa.” Wathi, “Undixelele zonke izinto ebomini bam,” waze wathi, “Andiyazi into emandiyenze.” Wathi, “Bekukho umfazi phaya emva obengqina esithi ebenegqitha emizuzwini embalwa edlulileyo, ngoku ke limkile.”

120 Ndathi, “Ukuba uyandikholelwa, undibuzelani na ke? Ndikuxelela iLizwi likaThixo.”

121 Wathi, “Kufuneka ndenze ntoni, mhlekazi?” Ndisazi ke ukuba ungumKatolika kwaye kufuneka abe nento

ebambekayo anokubambelela kuyo, ndathi, “Hlala ungqina njalo, ‘Ngemivumbo yaKhe ndiphilisiwe,’ umnike udumo lwaKhe.”

<sup>122</sup> Elaa xhego, iveki ezimbini, mhlawumbi ezintathu, lalimi ekoneni lithengisa amaphepha, laliye likhwaze, “Ngokungaphezulu! Ngokungaphezulu! Mayibongwe iNkosi, ndiphilisiwe! Ngokungaphezulu! Ngokungaphezulu! Mayibongwe iNkosi, ndiphilisiwe!”

<sup>123</sup> Lathi lakufika enkonzweni ngobusuku obulandelayo, kwabanzima nokuba ndishumaye, lilo. Lalisuka liphakame likhwaze, “Makazole wonke umntu! Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa! Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa!” NjengomKatolika lalingenakwazi ukuba lingalubamba njani na ukhohlo, kodwa lalisazi ukuba xa liqhubeka liyithetha, liqhube njalo, liqhube, liqhube, lude uluvo lwesithandathu lusebenze. Kunjalo kanye. “Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa!”

<sup>124</sup> Lalime ekoneni, likhwaza, “Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa! Ngokungaphezulu! Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa!”

<sup>125</sup> Lalisihla ngesitrato, kubekho umntu odlula apho, athi, “Uphila njani, John?”

<sup>126</sup> “Mayibongwe iNkosi ngokundiphilisa! Konwabekile.” Babeye bamhleke ke, baphoxise gaye.

<sup>127</sup> Waza omnye umfana ocholachola iindaba wamkhokela emsa kwindawo yokucheba iinwele, esiya kutsheva, malunga neeveki ezimbini mhlawumbi ezintathu emva kwaloo nkonzo. Umchebi ke walihlalisa esitulweni, walifaka ugwebu ebusweni. Waze wathi, “John,” wathi, “Ndiyaqonda...” Ingumfanana onekratshi, waze wathi, “Ndiyaqonda ukuba ubuhlile uyokubonana nomphilisi wobuThixo apho” [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] “apha.”

Lathi, “Ewe, bendihlile.”

<sup>128</sup> Wathi, “Ndiyaqonda ukuba uphilisiwe,” esenzela nje ukuphoxisa gaye.

<sup>129</sup> Laza lathi ixhego, “Ewe, mayibongwe iNkosi, Indiphilisiwe,” asuka avuleka amehlo alo. Waxhuma wesuka kweso situlo sokuchebela, itawuli ijikele entanyeni yakhe; umchebi ezama ukulibamba, ephethe i-razor ngesandla. Behla ngesitrato! Ngoba? ILizwi likaThixo laliqalisile ukusebenza.

<sup>130</sup> UGeorgie Carter omncinane wayelele phaya phesheya, animaziyo nonke, abanye abantu balapha bakufutshane, wayelele apho iminyaka elithoba enenyanga ezisibhozo, engakwazi noku... nokuthini kutsalwa nje ishithi elifakwayo phantsi kwakhe, kokuphuma ezintsweni nasezibilinini. Enobunzima obumalunga neeponti ezingamashumi amathathu anesihlanu. Elele phaya phesheya eMilltown, e-Indiana.

Abantu bakowabo bengabenkonzo e...Apho ndathi ngokuya ndandiyokuqhuba inkonzo eMilltown kwinkonzo yamaBhaptizi, ndathandazela abagulayo, yathi loo cawe, "Ukuba neliphina kumalungu eli bandla uyaya kulaa mbaxi wezinto, sakumkhupha ebandleni." Wabe ke utata wakhe engumdikoni.

<sup>131</sup> Kodwa ke wayeyifumene incwadana yam, ebizwa ngokuthi, *UYesu Kristu UkwanguYe IZolo, NaNamhla Ase Nakuwo AMaphakade*. UMzalwana uHall wandithatha wandisa kuye, ngenye injikalanga. Umama wakhe wabaleka waphuma endlwini, engafuni kudibaniselana naloo nto. Ndangena ndamthandazela. Wathi, "Ngoko, kuqhubeke ntoni ngalaa ntombazana yakwaNale?" Wayesazi ngalaa mbono.

<sup>132</sup> Ndathi, "Yayingumbono lowo, dade. Kukuthandaza kuphela into endinokuyenza. Wena kholwa." Loo ntwana incinane ilusizi yayifundiswe ngokuchaseneyo nalo.

<sup>133</sup> Kwintsuku ezimbalwa ukusukela ngoko, ndandimi apho ndibhaptiza. Wayephaya ezantsi, elila; apho wayethembise ukuba uyakuza azokuphindwa ukubhaptizwa, eGameni likaYesu Kristu, ukuba nje uThixo angamphilisa.

<sup>134</sup> Nanko ke, yena, imilenzana yakhe ingangentonga yomtshayelo. Babengakwazi nokumbeka kwitshemba yakhe. Umama wakhe, esengumfazi osemntsha, wayehlali apho, ephelile lidumbe, engwevu nasentloko, kukujonga intombi yakhe ilele apho isiya isifa ngee-intshi. Kukudumba kwamalungu obufazi, kwaze kwaphumela kuye wonke. Ubunzima bakhe babumalunga namashumi amathathu anesixhenxe eeponti, ndiyacinga, ukuba babuchaza njalo. Babengakwazi ukumphakamisa ngokwaneleyo ukuze babe nokufaka itshemba phantsi kwakhe; kwakufuneka batsale ishithi elitsalwayo phantsi kwakhe, ileleseyile. Iminyaka elithoba enenyanga ezintandathu, wayelele apho, engakwazi nokuphakamisa intloko ukuze abone umthi owawungasefestileni.

<sup>135</sup> Ngenye imini, ndimi phaya emva, phezulu ethambekeni lenduli, kwaGeorge Wright, uMoya Oyingwele wathi kum, "Yima ngenyawo." Ndaze ndajonga, kwakukho ukuKhanya okwakukhanya ngaphaya komthi, wathi mandihambe ngendlela yakwaWright, okanye, "Hamba ngendlela yakwaCarter."

<sup>136</sup> Ndathi ndakufika apho, iNkosi uYesu yayibonise umama wakhe umqondiso wokuba ndandisiza. Ndangena ndaya kuloo ntombazana ilele kuloo bhedi, iphelelwe ngamandla kangangokuba ingakwazi nokuphakamisa inkonxa yesikhohlela. Umama wayo wayeyibamba, ukuze izame "ah," izama ukutshicela kwinkonkxa yesikhohlela, inesifo sephepha i-TB. Ndathi, "Dad'uGeorgie. UYesu Kristu, uNyana kaThixo, uhlangene nam phaya ngaphesheya entlango, kwisithuba

esingangesiqingatha seyure esidlulileyo, yandixelela ukuba mandizokukubeka izandla. ITSHO INKOSI, yima ngenyawo!”

<sup>137</sup> Uluvo lwesithandathu lwaba semsebenzini, aMandla athile ayiwela laa ntombazana, ityeli lokuqala kwiminyaka emithathu...okanye iminyaka elithoba ene—enenyanga ezisibhozo, ingazange ime ngenyawo, yaxhuma yema ngenyawo zayo, yabaleka yangena eyadini, isikelela imithi nengca nento yonke, yabuya yangena yahlala kwipiyano yaqalisa ukudlala, “*Kukho uMthombo ozaliswe liGazi, elitsalwe kumthambo ka-Imanuweli.*”

Ngoba? Ukucinga izizathu ngekwakuyimangele. . .

<sup>138</sup> Yayingenakukwenza ngokwayo. Andazi nangoku. Andinakuze ndazi. NgaMandla kaThixo kuphela awayibambayo ayiphakamisa. Imilenze yayo yayingangakanga ubukhulu, apha phezulu emalungwini; kungekho nto injalo, injengeentonga zemitshayelo. Kwakukwiminyaka elishumi elinesibini eyadlulayo ngoko, okanye ishumi elinesine, kwaye namhlanje yomelele isempilweni, ikhonza iNkosi uYesu.

<sup>139</sup> Yayiyintoni na? Ekuqaleni, akuzange kubekho nto kubonakala ngathi iyenzeka, kodwa kona ukucinga ngekwathi ayinakwenzeka. Kodwa, mzalwana, yabambelela ngamandla kwelaa Lizwi. Ukuba uThixo wayenokuthatha laa ntombazana yayisisiqhwala phaya eSalem, intombazana yakwaNale, eyayisisilima ife umzimba, ingalo zayo zijinga oluhlobo, abe nokuyiphilisa, Wayenokuyiphilisa nayo, ngokunjalo. Yayikholwa.

<sup>140</sup> Waze uMzalwana uHall, elele phaya, esifa ngumhlaza i-cancer; kwale ndoda yandithatha yandisa phaya. Ugqirha wakhe oseMilltown wamthumela apha kulogqirha useNew Albany, apha ezantsi, lo uphaya ezantsi eSaint Edwards esiBhedlele. Ndiyamlibala...Wazisa abantwana bam; indoda elungileyo, ugqirha onguye. Wamxilonga, wathi, “Ngumhlaza.” Wathi kuGqirha uBrown, phaya ezantsi eMilltown, wathi, “Uyafa.”

UGqirha Brown wathi, “Bendicinga njalo.”

<sup>141</sup> Bamthatha bamsa kudade wabo apha ezantsi, osisi—isizalwane sikaMnu. Kopp, owayekade eyijaji esixekweni. Bathi bakufika phaya, bathi, “Mgcine apha ade abhubhe.”

<sup>142</sup> Baze bandithumelela ukuba ndihle. Ndaya, umhla nezolo, nenkosikazi yam, ngoko. Samthandazela uMzalwana uHall. Ndandimthanda. Wayengomnye wabantu endabaguqulela kuKristu. Waya esihla ngokuhla, kwaye wayengakwazi ukushukumisa izandla.

UNKosk. Hall wathi, “Billy, akukho nto unokuyenza?”

<sup>143</sup> Ndathi, “Akukho nto ndiyaziyo, Dad’uHall. Andiva lizwi livela eNkosini. Saku...” Ndathi, “Ndingathanda ukuba abonwe ngugqirha wam.”

Wathi, “Ngubani uGqirha wakho?”

Ndathi, “NguGqirha uSam Adair.”

<sup>144</sup> Ndaza ndamtsalela umnxeba uSam. Wathi uSam, “Inye into, ndingamthumela eLouisville, Billy, ayokufakwa egesini nezinye izinto.” Wathi, “Ndakukunika ingxelo.” Bathumela kwehla inqwelo yezigulana, yamchola, yamthabatha; wabuza.

<sup>145</sup> USam wanditsalela umnxeba, wathi, “Billy, unomhlaza wesibindi. Asinakusisika isibindi sakhe, aze aphile.” Wathi, “Ungumshumayeli, unokuba akanaxhala ngoku. Usenokumxelela ukuba uyahamba.”

<sup>146</sup> Ndathi, “Ukulungele ukuhamba, Sam. Kodwa, inye nje into, ndikuthiyile ukumbona ehamba. Ungumzalwana wam, yaye ndiyamthnda.”

Ndaza ndacinga, “Owu Thixo, ndenzele into.”

<sup>147</sup> Ndaqalisa ukuya kuzingela oonomtse abahlala emithini ngaloo ntsasa. Ndajonga phandle kungekasi, kwakungekho mntu wayephaya phandle eyadini; ndathabatha umpu wam ndiphuma endlwini. Kwakukho i-apile elikhulu elidala elikhangeleka lilibi lijinga edongeni. Ndacinga, “Kutheni ukuze uMeda abeke laa nto edongeni?” Ndajonga, kwakho elinye nelinye nelinye, ade amathandathu elapho. Ndaxhwithiliza umnqwazi wam ndiwothula ndawa ngamadolo, emgangathweni. Ndakhangelela phezulu apho, kwaze kwehla i-apile elikhulu elihle lawadla lawagqiba onke loo ma-apile. Ndajonga kwakumi ngentla apho, kwakukho okwakuKhanya kunye (kujinga kulaa mfanekiso phaya) kumi apho, kujikeleza, kwathi, “Yima ngenyawo. Hamba uyokuxelela uMnu. Hall, ‘ITSHO INKOSI,’ akasayi kufa, uyakuphila.”

<sup>148</sup> Ndehla ndamxelela. Wayengenamahluko konke, kodwa wayikholwa. Wabambelela kuyo. Kwakungekho mahluko, kukhangeleka njalo. Kwadlula usuku, akwabakho mahluko. Usuku lwesibini, akukho mahluko. Malunga nosuku lwesithathu, kwaqalisa. Kwaye uyaphila namhlanje, emva kweminyaka-nyaka.

<sup>149</sup> Ndiqaphela ukuba kuhleli apha uNkosk. Weaver. Hayi, andiphazami. Yathi yakuza intombi yakhe, emva kokuphiliswa kukaMargie Morgan, ndehla ndaya phaya kwakungekho nto wayenokuyenza laa mfazi. Wayezakuba ufile kwiiyure ezimbalwa ezilandelayo. Babemnike umzamo, mhlawumbi emibini, ababenokumnika yona, kwaba kuphela ke oko. Wayenziwe uqhaqho lwabasetyhini, umhlaza wawuphumele ngaphaya komnqonqo wakhe. Bawusasaza ngethuba babesenza uqhaqho, kwakungekho nto anokwenzelwa yona ke loo mfazi. Ndandifuna ukuthetha naye ngempiliso.

<sup>150</sup> Kodwa wathi, “Mhlekazi, ungumlungiseleli weNkosi uThixo, kwaye andifanelwanga kukuba ungene endlwini

yam.” Ezibalela ekuthini akafanelekile ukuba afikelwe ngumlungiseleli. Wathi, “Ndaphila ubomi. Ndadanisa. Kwaye ndaphantse ndenza izinto ekungafanelekanga ukuba ndibe ndazenza. Ndasebenzisa iintetho ezingezizo, okanye nantoni na eyenye.” Wandixelela izono zakhe, waze wathi, “Yinto engandifanelenga.”

<sup>151</sup> Ndabona ukuba uhamba emgceni onguwo. Kwakufanele ukuba abe noKristu ngaphakathi *apha* phambi kokuba, olwa luvo lwesithandathu, olona luvo lukhulu lube lungasebenza.

<sup>152</sup> Saguqa phantsi. Ndathetha naye ngokuba “nokuba izono zenu zibomvu.” Wazinikela eNkosini uYesu Kristu. Wathi akwenza njalo ke, “Owu, owu, ndiziva ndiyenye indlela mpela. Kukho into eyenzekileyo kum. Kukho into eyenzekileyo kum. Ndifuna ukunibamba izandla nonke.”

<sup>153</sup> Kwathi kanye ngeloo xesha ndakhangela phandle ndambona embonweni, ehamba emva kwendlu esiya kwindlwana yeenkuku. Ndathi, “Nkosk. Weaver, ITSHO INKOSI, uyakwenza uhambo oluya kulaa hoko yeenkuku, kwaye uzakuphila.”

<sup>154</sup> Wayengenakuya ngokwendlela awayeziva ngayo; umhlaza wawumdle waphela. Wayengenakuya ngokwento eyayithethwe ngugqirha; wayesifa. Ngoko ke kwaku, ndiyaqikelela, kwishumi elinesine, elinesihlanu leminyaka edlulileyo, Nkosk. Weaver? [uNkosk. Weaver uthi, “Ishumi elinesine.”—Mhl.] Kwishumi elinesine leminyaka eyadlulayo. Wayegxadazela esiza apha kuloMquba ngokuya wayegula, kwakungakhangeleki kungathi anganako ukuphuma ebhedini, ingalwana ezindala zingamathambo; ngokuba wathembisa uThixo ukuba uyakuza abhaptizwe eGameni likaYesu. Samphakamisa samsusa kwisihlalo esihambayo, ngokufutshane, phaya esitulweni, samthatha sehla samsa equleni sambhaptiza eGameni likaYesu. Nankuya ke ehleli phaya, ngokuhlwanje. Khangela phaya kuye ukuba ufuna ukubona isidalwa sempilo. Ngoba? Kukukhahlela phantsi yonke ingcinga nophando lwenzululwazi, nayo yonke enye into, ngokuba uluvo lwesithandathu lwasebenza. Yiloo nto.

<sup>155</sup> Khangela, makhe ndithethe oku kwakhona, umzuzu nje. UYesu wadlula ngakumthi othile ngelinye ixesha, yayingumthi womkhiwane ke. Waze wakhangelela kuloo mthi womkhiwane. Ngoku, uncede, ungaphoswa koku. Wakhangelela kuloo mthi womkhiwane, kwakungekho makhiwane kuwo. Waze wathi, Wawuqalekisa loo mthi wathi, “Makungabikho mntu uyakudla kuwe.”

<sup>156</sup> Abafundi baphunguza; umthi wakhangeleka unjengoko ubunjalo kakade. Kwiyure ukusukela ngoko, wawusakhangeleka usenjalo. UThixo akazange avule umhlaba uwuginye. UThixo akazange athumele umbane ombaxa ophuma esibhakabhakeni uwutshise ube ngamalahlle. Wayesenokuyenza



loo nto, ngokuqinisekileyo, Wayenako. Akazange azenze ezo zinto.

<sup>157</sup> Yintoni eyenzekayo? Umthi wasowuqalekisiwe. Ukholo lukaThixo lwalubekwe ngokuchasene nobomi baloo mthi. Kwakungekho nto konke inembonalakalo wawunokuyibona. Kodwa ezantsi kakhulu emhlabeni, ezantsi ezingcanjini zomthi, ukufa kwakungena. Wawuqalekisiwe. Uluvo lwesithandathu lwalufike lwachasana nawo. Wawunyanzelekile ukuba ufe. Waqalisa ukufa ususela ezingcanjini.

<sup>158</sup> Kwenzeka kwa into enye kwi-cancer, kwenzeka eso nakwithumba, kwenzeka loo nto kwisifo lwakuvukelana naso olwa luvo lwesithandathu lwamandla eNkosi uThixo. Luthi, “Sathana phuma apho.” Usenokungaboni nto inembonakalo yenzekayo kwangoko, kodwa ukholo lusoloko lubambebelele apho ngendlela efanayo. Sesiqalekisiwe. Olwa luvo lwesithandathu alunakuze, olwa luvo lukhulu alunakukuyeka kuhambe. Aluyikuyihoya indlela oziva uyiyo, indlela okhangeleka uyiyo, wenza kanjani na. Aluyikuba nanto yakwenza konke naloo nto. Ilizwi likaThixo selibandakanyiwe. Uluvo lwesithandathu luyayibamba. Yiloo nto kuphela. Luyaqalisa ukusebenza; umhlaza uqale ukunyamalala. Ufa ukuqalela ezingcanjini, ube uphelile. Ngokuqinisekileyo.

<sup>159</sup> Kwangolu luvo lwesithandathu lunye lunamandla, izikumkani zabhidlika, iindonga zawa olunye phezu kolunye.

<sup>160</sup> Ngoluvo lwesithandathu uLwandle oluBomvu lwabuya umva, waza umhlaba owomileyo wabavulela indlela abantwana bakaThixo ukuba babhace ngayo.

<sup>161</sup> Kwangolu luvo lwesithandathu lunye, uSamson woyisa iwaka lamaFilisti exhobe ngezikrweqe neentshuntshe. Wayengenandlela yakuzikhusela, ingumhlathi we-esile lasendle kuphela. Lwaza olwa luvo lwesithandathu lwaqalisa ukusebenza, waza wabetha iwaka lamaFilisti. Haleluya!

<sup>162</sup> Ngolu luvo lwesithandathu, abafileyo bavuswa. Ngolu luvo lwesithandathu, imimangaliso enamandla yenziwa.

<sup>163</sup> Yeyona nto inamandla yakha yalichatha ihlabathi, olwa luvo lwesithandathu, lubizwa ngokuba luluvo lwesithandathu. Alunanto yakwenza *noku* kulapha ezantsi; ukuba oku kulapha ezantsi kuyalungqina kuthi “amen” kuLo, kulungile, uyahamba uya phambili; kodwa ngaphandle kokukhangela ukuba oku kwenzani na, kholwa *Kokuya*. Nango apho akhoyo amandla, “ukuba uyakholwa entliziyweni yakho.” Uluvo lwakho lwesihlanu, lokucinga, lusengqondweni yakho, kodwa uluvo lwakho lwesithandathu luhlala entliziyweni yakho. Ukholwa ngentliziywo yakho. Ukuvuma kwenziwa ngomlomo. *Ukholwa* ngentliziywo yakho, ewe, mhlekazi, olwa luvo lwesithandathu, laa nto inamandla.

164 Phulaphulani, ngenxa yolwa luvo lwesithandathu, kwakukho umprofethi owaphoswa emhadini weengonyama. Kwaze ngenxa yolwa luvo lwesithandathu, iingonyama azaba nakumdlala uDaniyele. Azange zibenako. Azange zibe nakusondela kuye, ngenxa yoluvo lwesithandathu, olwa luvo lulolona lukhulu.

165 Kwangolo luvo lunye lwesithandathu, abantwana abathathu bamaHebhere baphoswa ezikweni lomlilo basuka bawadela amadangatye eziko lomlilo. Olwa luvo lwesithandathu! Konke ukucinga kwakunokubonisa ukuba babeyakutsha bafe bengekafiki nakulo, kodwa uluvo lwesithandathu lwabagcina phakathi apho iyure ezimbini ukuya kwezintathu. Baze bathi bakulivula iziko lomlilo, babona kukho Omi phakathi kwabo, ongathi nguNyana kaThixo. Luluvo lwesithandathu ke olo. Imililo ayizange ibe nakulutshisa. Ewe, mhlekazi.

166 Yayikwalolwa luvo lunye lwesithandathu, ngaxesha lithile, ngokuya umPostile uPetros wayelele ejele, baye babezakumnqumla intloko, ngosuku olulandelayo. Kwaze phaya ezantsi endlwini kaYohane Marko benenkonzo yomthandazo. Olwa luvo lwesithandathu lwaqala ukukhukhumala lujikeleza ijule, apho wayesityekelwe ngumthandazo. Uluvo lwesithandathu lwaba semsebenzini. INTsika yoMlilo yangena efestileni yamchukumisa uPetros, yathi, “Yiza, phuma apha.” Uluvo lwesithandathu!

167 Yayiluluvo lwesithandathu olungazange lumyekele ekurhaxweni uPawulos Ongcwele kolwa lwandle lunamandla, xa laa nqanawana incinane yayintlithwa ngamanzi. Yayiluluvo lwesithandathu olwamgcina ukuba angarhaxwa, olwa luvo lulolona lukhulu. Yayilolwa luvo lwesithandathu, olwathi, yakumdlala inyoka esandleni, wayivuthululela emlilweni. Yayiluluvo lwesithandathu olwayenzayo loo nto.

168 Yayilolwa luvo olwavusa uYesu Kristu kwabafileyo, emva kokuba Wayelele emhlabeni, ngenxa yokuba Wayelikholelwa iLizwi likaThixo. Wathi, “Wuchitheni lo mzimba, ndaye Mna ndiyakuwuvusa kwakhona ngomhla wesithathu. Ngokuba uDavide wathi, ‘Andiyikukha ndimnikele Oyingcwele waM ekuboneni ukubola, nomphefumlo waKhe aNdiyikuwushiya kweLabafileyo.’” Yayilolwa luvo lukhulu. Kulahlele phantsi konke ukucinga *kwezi* zimvo. Kholwa kolona luvo lukhulu, olona luvo lulolokholo, osiluphiwa nguYesu Kristu.

169 Kwangolo luvo lunye, uThixo wathetha mzuwana kwakungekho kwanto. Yintoni olo luvo? Olo luvo lukhulu nguThixo, lukholo lukaThixo lukuwe, yinxenye kaThixo engena ngaphakathi kuwe ikunike olona luvo lukhulu. Kwangolo luvo lukhulu, uThixo walenza ihlabathi walidibanisa ngezinto ezazingekho nezazingenakubonwa. Wathetha iLizwi laKhe

wabe walikholelwa iLizwi laKhe, laza lashukuma labakho ihlabathi. Uzuko!

<sup>170</sup> Uluvo lwesithandathu, olona luvo lukhulu, Owu Thixo, lugalele apha kum. Ndinike Iona kunye nawo wonke umntu olufunayo. Galela kum uluvo lwaKho lwesithandathu, Nkosi. Ndilungele ukunikezela ngezi zimvo zintlanu, ulwazi olulolwam, iingcinga, ndilahlela phantsi zonke iingcinga, Nkosi. ILizwi laKho malibe yinyaniso, ilizwi lomntu wonke libe bubuxoki. Konke ukucinga, onke amathandabuza, akhutshelwe phandle, mandihambe ngolona luvo lukhulu, uluvo lukaMoya Oyingcwele.

<sup>171</sup> Akulufuni? Yiloo nto into esiyifunayo. UThixo akusikelele, sihlobo. Yiloo nto oswele yona. Olwa luvo lukhulu luyakuthi lucela into lube lusazi ukuba Uzakukunika. Kubangwa ukuba, “Kuba lowo uzayo kuThixo umelwe kukukholwa ukuba Ukho, yaye ungumvuzi wabo baMfunayo.”

<sup>172</sup> Ukuba uluvo lwesithandathu luthi, “UThixo uyaligcina iLizwi laKhe. Ndzinikela kuYe. Ndinikela konke endinako, kuYe. Uluvo lwam luthi iyakwenziwa yenzeke koku, lukholo lwam kwiLizwi likaThixo,” luze lubize nantoni na, echasene nalo, ngokungathi yinto engekho.

<sup>173</sup> U-Abraham wahlangana noThixo, wathi uThixo, “Uyakuba nosana ngoSara.” Yena enamashumi asixhenxe anesihlanu, umfazi enamashumi amathandathu anesihlanu. U-Abraham wabiza nantoni na eyayingekho, eyayichasene noko, njengokungathi ayikho. Wahamba ngokungathi wayebone uThixo, waze wa—wakholwa.

<sup>174</sup> Wayeyibiza nantoni na ethi akakho, nakuphina ukucinga, nantoni na eyenye enokuba . . . Yayithethwe ngugqirha, “Ngoba, Abraham, umdala kakhulu ukuba ungayenza loo nto.” Loo nto ayenzi nomncinci umahluko into ethethwe ngugqirha, nantoni na ethethwe nangubani na ongomnye, into ethethwe yingqondo yakhe ngokwayo, into ethethwe nayintoni na eyenye. UThixo ebenyanisile, waze wahlala naloo nto.

<sup>175</sup> Luluvo lwesithandathu ke olo, olona luvo lukhulu. “Thixo, ndiphe Iona. Thixo, mandibe nalo ngokuthe chatha,” ukuze ndilungiselele ebantwini baKhe, ngumthandazo wam lowo.

<sup>176</sup> Kusasanje, ngexesha laa mama esizisa olwa sana luncinane lunentloko ebomvu, emi apha, inyembezi zisihla ngezidlele zakhe. Ndathi, “Yintoni ingxaki, dade?”

<sup>177</sup> Wathi yena, “Mzalwan’uBranham, lunesifo segazi.”

Ndive into ethile inyuka. Owu, Uluncedo oluhleli lukho ngexesha lembandezelo.

<sup>178</sup> Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, uBilly kunye nam sasisihla ngendlela, sihamba ngenqwelo. Amanye amakhwenkwe antsundu ehla ezantsi endleleni eqhuba

ngesantya esiphezulu, ayegudle imoto ethile ke aze abhukuqa aphinda abhukuqa abhukuqa kwakhona, yawachitha loo makhwenkwe endleleni yonke, kwakukho ke intwana encinci eminxeke phantsi kwemoto umqolo wayo wayame ngenqwelo leyo. Loo makhwenkwe atsiba aphuma emotweni azama ukuyivusa. Yathi, “Owu, ncedani ningayiphakamisi, umqolo wam uyaphuka! Musani! Nizakundibulala! Nizakundibulala! Musani ukuyivusa!”

<sup>179</sup> Aze athi, “Owu, kufanel’ukuba siyisuse phezu kwakho, iyalumekeka.” Athi, “Masi. . .”

<sup>180</sup> “Musani ukuyishukumisa, nizakundicumza ndife! Musani ukwenza loo nto! Musani ukwenza loo nto!

Ndakhwaza apho ngaphantsi, “Nyana, unguMkristu?”

Yathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Kungcono uthandaze.”

Yathi, “Ewe, mhlekazi.”

<sup>181</sup> Uluvo lwesithandathu lwaqalisa ukusebenza. Ndahamba ndajikela kanye emva kwemoto, kwaye andinakuze ndazi kude kufike uMgwebo, kodwa kwathi ngequbuliso, laa nqwelo yasuka yaphequka yaba isukile kuyo, yaxhuma futhi yabe iphilile. Yayiyintoni na? “Uncedo oluhleli lukho ngexa lembandezelo!”

<sup>182</sup> Sasisihla sivela e. . .Inenekazi eliselula elintsundu laliqhuba imoto endleleni, iyi-Plymouth entsha, inamalunga namakhulu amane emayile. Laliqhuba ngesantya esiphezulu mpela. Ndayibona ke loo moto. Yayakuhlabeke ngentsimbi yangaphantsi kwenjini yangena emthini. UBilly kunye nam sema. Kwakukho indlela enekhaphu, etyibilikisayo phambi kwethu, kodwa ke ngelo thuba yayisele yomile. Loo ntombazana. . .Umoya wawuvuthuza ngamandla kakhulu, phaya phezulu eMinnesota, de wayimkisa loo moto. Uyayikhumbula, Billy? Ndabaleka ndehla ndaya kulo. Nalo ke, lalihleli apho, lathi, “Owu, ndiyafa. Ndiyafa.” Babiza inqwelo yezigulana.

<sup>183</sup> Yafika ke inqwelo yezigulana, baye ke belayishe indoda eswelekileyo ngemva kwinqwelo yezigulana. Bathi, “Asinakulithatha.”

<sup>184</sup> Kwaze ngoko kwakho umlimi othi, “Ke ngoko, thumelani omnye umntu, ngokukhawuleza, lo mfazi uyafa.”

Ndenyuka ke ndaya apho, ndathi, “Nkosazana, umzuzu nje.”

<sup>185</sup> Lathi, “Owu, ungandichukumisi, mhlekazi. Ungandichukumisi. Umqolo wam!”

<sup>186</sup> Ndathi, “Nkosazana, unguye uMkristu?” Landijonga. Ndathi, “Ndingumlungiseleli weNdaba eZilungileyo. Ukuba uyafa, kunjani phakathi kwakho noThixo?”

Lathi, “Mhlekezi, ndifuna ukulunga, khona ngoku.”

<sup>187</sup> Lwaza uluvo lwesithandathu lwaqala ukusebenza. Amandla kaThixo ehla. Lakwazi ukuphuma emotweni, kungekho mtu ulincedisayo. Amandla kaThixo, ekho, “Uncedo oluhleli likho ngexesha lembandezelo.”

<sup>188</sup> Sihamba ngokholo. Siphila ngokholo. “Ilungisa liyakuphila ngokholo.” Kufuneka siphile ngolohlobo. Bangaphi abanokuthanda ukufumana okuthe chatha kolwesithandathu, olona luvo lukhulu? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Masithobise iintloko zethu, sisathandaza.

<sup>189</sup> Nkosi ethandekayo, Thixo wethu noBawo wethu, Ulunge kakhulu kuthi. Usinike izimvo ezintlanu ukuba siphile ngazo sihambe ngazo, kulo mhlaba, okanye ukuze—okanye ukuze sichukumise umhlaba. Sinokukukuva oku—okunochukumiseka, ngezandla zethu, izinto ezinokuphatheka. Usinike ukuva, ukuze sibenokuva. Sizivuyela kakhulu ezo zinto, ukuze sibenokuliva iLizwi likaThixo, ukuze, ngenxa yoko, “ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi likaThixo ke.” Sinombulelo ngezi zimvo zintandathu, Nkosi. Sanga singazigcina yonke imihla yobomi bethu.

<sup>190</sup> Kodwa lwanga olu luvo lulolona lukhulu, lwanga olu luvo lokholo, lulolwekholwa, ngokuba lifanele ukuba libenalo ukuze libenokukholwa. Nkosi, sinike lona ngokuthe chatha. Owu, lungcwalise, Nkosi, usivavanye, Usizalise ngokulunga kwaKho nangamandla aKho. Masihambe yonke imihla yobomi bethu, ngoluvo lwesithandathu, ngoluvo lokholo, osilunikwa kuphela nguYesu Kristu. Ukuze oko sikuthandazelayo, sanga singakhohwa ukuba siyakukwamkela, singabi nantandabuzo entliziyweni yethu, kwaye Usithembisile ukuba kuyakwenzeka.

<sup>191</sup> Aba baphakamise izandla zabo, Nkosi, ndiyabathandazela. Baneentswelo. Uyazi ukuba bezizintoni na. Ndiyathandaza ukuba wenze ukuba zenzeke, zonke ngazinye. Ungangazaliseka, umnqweno wabo. Ndikucela eGameni likaYesu. Amen.


Ukholo kuYise, ukholo kuNyana, Ukholo kuMoy'Oyingwele, abathathu baNye; Idemoni zongcangazela, aboni bavuke; Ukholo kuYehova lushukumisa nantoni na.

<sup>192</sup> Nakhe naliva ngaphambili? Ngoku ngaphandle kwezidlali mculo, umzuzu nje, mhlekazi.

Ukholo kuYise, ukholo kuNyana, Ukholo kuMoy'Oyingwele, abathathu baNye; Idemoni zongcangazela, aboni bavuke; Ukholo kuYehova lushukumisa nantoni na.

<sup>193</sup> Kunjalo. Owu, Bawo! Ukholo oluthandekayo! Ukholo oluthandekayo, oluzukileyo. Thixo, ndiphe ukholo. “Ngokholo, u-Abraham. Ngokholo u-Isake. Ngokholo u-Abheli wasondeza kuye uThixo umbingelelo ogqithileyo kunokaKayin; ngalo

ke efile nje, usangqina.” Owu, indlela esiluswele ngayo ukhoho! NdiyaMthanda. Ndifuna ukhoho olongezelelekileyo. Umnqweno wam kobu bomi, nowalonyaka umtsha uzayo, kukuba ndibenokhoho ngakumbi kuThixo. Thixo, susa nakuphina ukuthandabuza engqondweni yam, ukuba kunokuthi kuvele kuthile. USathana uyandilwa, uyakulwa nawe, uzama ukudubula iintolo zakhe. Kodwa ndanga ndinganalo elaa khaka lokhoho liphambi kwam njalo, ndibe nokumelana namaqhinga ongendawo, ukuze ndibe nokuzingquba, ndiziwise zimke iintolo zakhe ezinomlilo, ngumthandazo wam onyanisekileyo lowo. UThixo anisikelele.

<sup>194</sup> Kukho into ofuna ukuyithetha, Mzalwan'uNeville? [UMzalwana uNeville uthi, “Hayi, kuphela kuku...”—Mhl.] Yiza ke. [UMzalwana uNeville wenza izaziso, ubungqina, nomthandazo wokuqukumbela.] 

*OLONA LUVO LUKHULU* XHO59-1227E  
(A Super Sense)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawe ngorhatya, umhla wama-27 kuDisemba, ngowe-1959, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, Indiana, U.S.A, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©1993 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)